URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo leKharityhulam noLawulo loVavanyo

Isalathiso: 20180112-8180
12/11/5
Imibuzo: K Dudley

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam noLawulo loVavanyo : 0001/2018

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo beSigaba seSiseko, nakwiiNqununu zeZikolo zonke ezinamaBakala 1 ukuya ku-3

**Isihloko: ISetyhula S1 yeSebe iDBE (2017) engeSikhokelo soKomeleza uKuphunyezwa kwe*CAPS*: Ukuphunyezwa kwethutyana kwenxenye yeSetyhula S1 kwiSigaba seSiseko ngo-2018**

1. KwiNgcaciso eMfutshane yeKharityhulam noLawulo loVavanyo 0001/2017, yomhla we-25 Meyi 2017, kwachazwa ukuba iSetyhula S1 ka-2017 eyakhutshwa liSebe leMfundo esiSiseko (iSebe iDBE) ayiyikuphunyezwa liSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) njengoko ingekacaciswa intsingiselo yokuthethwa kukudlulela kwesinye isigaba nokupasa (progression and promotion) yaye ke ngoko kusalindelwe ingcaciso ecacileyo emalunga noku.

2. Le ngcaciso imfutshane yenzelwe ukwaziswa izithili nezikolo ukuba nangona iSebe iDBE lisabhungisana nabathathi-nxaxheba abachaphazelekayo ngokuphunyezwa kweSetyhula 1 yeSebe iDBE ka-2017, iSebe iWCED lithathe isigqibo sokuqhubeka okwethutyana sisiphumeze ngokuyinxenye esi sikhokelo **kwiSigaba seSiseko kuphela,** kumaBakala 1 ukuya ku-3, ngo-2018.

3. Esi sigqibo sisekelwe kubuninzi bomsebenzi wovavanyo (*assessment overload*) kwiSigaba seSiseko kwi-*Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS*) nobuthe balinciphisa ixesha elifumanekayo lokufundisa nokufunda okusemgangathweni neleemvavanyo ezingamiselwanga (iimvavanyo ezenzelwe ukufunda).

4. IsiHlomelo A sinika isikhokelo sokuphunyezwa kwezi nguqu ngo-2018. Zonke izikolo ezinamaBakala 1 ukuya ku-3 kuya kufuneka zisiphumeze esi sikhokelo silingwayo (*pilot the guidelines*) simiselwe kwisiHlomelo A. Bazisiwe ngezi nguqu abacebisi bezifundo beSigaba seSiseko yaye baya kuyinika inkxaso ezikolweni xa kuyimfuneko oko.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2000 Fax: +27 21 467 2258
Safe Schools: 0800 45 46 47
Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

5. Izikolo maziqaphele ukuba ischeduli yokurecorda amanqaku kwinqanaba labaqalayo ziya kuvela kuphela kwiSebe lemfundo iWCED kumsebenzi omnye wohlolo olusesikweni kwi-Kota nganye kwisifundo, ngasinye kwibanga ngalinye, njengoko kubonisiwe kwiphepha lesihlomelo u-A.

6. ISebe iWCED likhethe ukukuyeka ukuphumeza naziphi na ezinye iinguqu ezicetyiswayo kwiSetyhula S1 yeSebe iDBE ka-2017 kwamanye amaBakala kude kube kufumaneke ingcaciso engaphezulu evela kwiSebe iDBE.

7. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU - PAD BEETS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2018 -01-12

**ISIHLOMELO A**

**ISikhokelo seSigaba seSiseko sango-2018 sokuphunyezwa kwethutyana kwenxenye yeSetyhula S1 (2017) yeSebe iDBE engesiSikhokelo soKomeleza uKuphunyezwa kweCAPS**

Iprogram yovavanyo yeSigaba seSiseko yango-2018 iya kuquka iimvavanyo ezingamiselwanga nezimiselweyo *(informal and formal assessments*) kwisifundo ngasinye, kwibakala ngalinye nakwikota yesikolo nganye.

- Uvavanyo olumiselweyo lolokujonga ulwazi (*summative*), yaye luvavanyo lokufunda.
- Uvavanyo olungamiselwanga lunika ulwazi, ngoko ke luvavanyo olwenzelwe ukufunda.

Indibanisela yeemvavanyo ezimiselweyo nezingamiselwanga iya kunceda ootitshala ekulandeleni indlela abaqhuba ngayo abafundi kwikota yesikolo.

**Iimvavanyo ezimiselweyo ngo-2018**

Umsebenzi woVavanyo oMiselweyo omnye ngesifundo ngasinye, ngebakala ngalinye, mawenziwe ngethuba leeveki ezimbini zokugqibela kwikota nganye.

| AmaBakala 1-3 | IKota 1 | IKota 2 | IKota 3 | IKota 4 |
|---|---|---|---|---|
| Ulwimi lweeNkobe | 1 | 1 | 1 | 1 |
| Ulwimi lokuQala oloNgezelelweyo | 1 | 1 | 1 | 1 |
| IMathematika | 1 | 1 | 1 | 1 |
| IZakhono zoBomi | 1 | 1 | 1 | 1 |
| Itotali | 4 | 4 | 4 | 4 |

Umsebenzi wovavanyo olumiselweyo ngamnye umele ukuba ngokumgangatho ophezulu yaye umele ke ngoko ukubandakanya oku kulandelayo:

- Zonke izakhono zezifundo (ezingqinelaniswe ne-CAPS)
- Ikhontenti efanelekileyo ngesakhono ngasinye ngebakala ngalinye, ngekota nganye; oko kukuthi, ukufundiswa kwekharityhulam efanelekileyo kwikota yonke (ngokwe-CAPS)
- Imisebenzi eyahluka-hlukanisiweyo (ngokwamanqanaba okuntsonkotha nawengqiqo *(complexity and cognitive levels*)) apho kwenziwe amalungiselelo awo onke amanqanaba esakhono ngolu hlobo lulandelayo:
  - Olula.
  - Ophakathi
  - Onzima

Imisebenzi yovavanyo emiselweyo (FATs) kwibakala ngalinye imele ukwenziwa ngootitshala bebakala, imodareyithwe ziintloko zecandelo leSigaba seSiseko yaye imodareyithwe ngaphandle ngabacebisi bezifundo beSigaba seSiseko.

Umsebenzi woVavanyo olumiselweyo ofanayo umele ukusetyenziswa ngabo bonke ootitshala abakwibakala elifanayo ukuqinisekisa ukubekwa kumgangatho ofanayo kwemisebenzi yovavanyo.

**Inkxaso iyafumaneka kootitshala ngolu hlobo lulandelayo:**

Iinkqubo-zikhokelo zovavanyo zokuphunyezwa koMsebenzi woVavanyo oMiselweyo omnye ngekota nganye (ezingqinelaniswe neCAPS) zikwi-*ePortal* (http://wcedeportal.co.za).

Ii-ayithem zovavanyo ukwenzela ukwenziwa kwemisebenzi kwiMisebenzi yoVavanyo eMiselweyo ziyafumaneka kwezi zibonelelo zilandelayo:

- *ePortal* (http://wcedeportal.co.za)
- Iincwadi zokwenza umsebenzi zeSebe leMfundo elisiSiseko (nazo ziyafumeka kwi-*ePortal)*
- Iincwadi zezifundo
- Abantu abangabahlali abafundileyo nabaqeqeshiweyo (*Professional Learning Communities)*

Inkxaso engaphezulu inokunikwa ngabacebisi bezifundo beSigaba seSiseko.

**Iimvavanyo ezingamiselwanga**

Le nkqubo ibalulekileyo mayiqhutywe okokoko kwikota yonke ngokubanzi. Ootitshala banokurekhoda iimvavanyo ezingamiselwanga kwiincwadi ii-*observation books*, iilisti zeeklasi, njl.njl. Ootitshala bamele ukusebenzisa iimvavanyo ezingamiselwanga ukwenza izicwangciso zokufundisa namaphulo ongenelelo ngoncedo.

**Ukurekhoda nokwenza iripoti (*Recording and reporting)***

Ukurekhoda nokwenza iripoti ngamanqaku afunyenwe kwimisebenzi yovavanyo emiselweyo kunokwenziwa kusetyenziswa iishedyuli zeSebe lemfundo iWCED zango-2018 eziya kufakwa kwi-CEMIS ekuphela kwe-Kota yoku-1.

**Ukudlulela kwesinye isigaba**

Ukudlulela kwelinye ibakala kwabafundi kuya kususelwa kwikhowudi zikazwelonke (national codes), njengoko zichaziwe kwi-*National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R12*, epapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 40472 ye-02 Disemba 2016 ne-*National Protocol for Assessment Grades R–12*, eyapapashwa *kwiGazethi kaRhulumente No.* 36042 – ye-28 Disemba 2012